#littlevoicesMUSTcount
#kleinstemmetjieMOETsaakmaak
#amazwiamancinciMAKAVAKALE

Commissioner for Children
OF THE WESTERN CAPE

# INCWADANA YOMKOMISHINALA WABANTWANA

EYEKHALA-EYOMNGA 2023
ISSUE 02– ISIXHOSA

## Abakhuseli bamalungelo abantwana baseNtshona Kapa bathethe neUNCRC eGeneva



Rushaan Abdol (15), Ruan Klaase (16) and Solakha Noyi (16) ngabacebisi kwiOfisi yoMkomishinala waBantwana

Kwinyanga yoMsintsi, abakhuseli bamalungelo abantwana abathathu abasuka eNtshona Kapa baye bafumana ithuba lokuthetha neKomiti yeZizwe eziManyeneyo yamaLungelo oMntwana (UNCRC) ngamalungelo abantwana kwiphondo nakwilizwe.

URushaan Abdol (15), Solakha Noyi (16), kunye noRuan Klaase (16) ngabaCebisi kwiofisi yaBantwana eNtshona Koloni. Bangabameli bokufezekiswa kwamalungelo abantwana kwaye ukubhengezwa kwabo nje ngabameli babantwana kwiphondo leNtshona Kapa bubungqina bokuzinikela kwabo ekuphuculeni ubomi babantwana.

IKomiti yamaLungelo oMntwana liqumrhu leengcali zamalungelo abantwana esekwe ziZizwe eziManyeneyo (United Nations). Ibeka iliso kwinkqubela phambili yaMazwe ekuzalisekiseni izibophelelo zawo kumalungelo abantwana njengoko kuchaziwe kwiNgqungquthela yeZizwe eziManyeneyo ngamaLungelo oMntwana.
Esi sithathu sibonise isakhono esikhethekileyo nokuzimisela ekukhuseleni amalungelo abantwana, loo nto yenze ukuba babe ngabameli abafanelekileyo babantwana bephondo lethu kwinqanaba lamazwe ngamazwe. Ubundlobongela obujoliswe ebantwaneni, ucalucalulo, abantwana njengeearhente zotshintsho kuluntu lwabo zezinye zezinto abethetha ngazo, kuquka ikhwelo lokuba iminyaka yokuvota yehle iye kwiminyaka elishumi elinesithandathu (16).

"Imizobo kunye neenkcazo-ntetho zabo beziqulathe iingcebiso eziya kurhulumente ngotshintsho. UMkomishinala kunye nabasebenzi, abahloli babantwana kurhulumente, abacebisi kunye nabafundi bangaphambili banebhongo ngendlela emangalisayo kwaye banombulelo kubo ngokumela uMkomishinala waBantwana weNtshona Koloni ngendlela ebalaseleyo," utshilo uMkomishinala Nomdo. USolakha uchaze eli njengethuba elimangalisayo lokuphakamisa amazwi abantwana baseMzantsi Afrika kwinqanaba lehlabathi. URushaan uthe ukuzibandakanya kwakhe kwiOfisi kuye kwamenza waziva enoxanduva lokuphucula iimeko zabantwana ngayo nayiphi na indlela anokuthi aphucule ngayo.URuan uvakalise owakhe umbulelo ngokuthi amele iqela elisuka kuMasipala waseMatzikama. Kananjalo uye wagxininisa ukubaluleka kokuthatha kwakhe inxaxheba ekuthetheni ne-UNCRC, AU, kunye nePalamente kaZwelonke, nto leyo athe ngeyingezekange ngaphandle kwenkxaso yoMkomishinala waBantwana.

### OKUQULATHWE LIPHEPHA

IPHEPHA 2: UMkomishinala ubambe indibano yokubeka iliso kuhlahlo lwabiwo mali kuMasipala waseBitou
IPHEPHA 4: Sinazisa ngabasebenzi abatsha
IPHEPHA 5: Oonozakuzaku boku-hamba babalisa ngamava aba
IPHEPHA 6: CGMs zibhale ungeniso kwiUNCRC malunga nemingeni yabantwana.



# UMBULISO OSUKA KUMKOMISHINALA WABANTWANA

## CHRISTINA NOMDO

Kuyimincili ukwabelana ngencwadana yethu yesibini ephuma kabini ngonyaka.

Kule ncwadana sithi thaca amanyathelo aphambili kunye nezinto esizifezileyo kwiofisi . Sithulela umnqwazi abasebenzi abasebenza ngokungadinwayo, abantwana abangamaqabane ethu ngaxeshanye kunye nawona mahlakani axabisekileyo kwakunye nabaninzi esisebenzisana nabo ukukhuthaza ukufezekiswa kwamalungelo abantwana.

Isiqingatha sesibini salo nyaka besizaliswe kokuninzi okubalulekileyo nokuthe kwabhiyozelwa yile ofisi. Eyona nto ebibalasele kukuvumela abantwana abathathu abavela kwiindawo ezisemaphandleni zeli phondo ukuba bathethe ngokuthe ngqo neKomiti yeSizwe yeZizwe eziManyeneyo ngeLungelo loMntwana eGeneva, eSwitzerland.

Le ncwadana izakusinceda ukuba siqonde ngesigunyaziso seofisi. Kukokuqala le ncwadana iza kufumaneka ngeelwimi ezintathu ezisemthethweni zephondo; IsiNgesi, isiBhulu nesiXhosa. Sikwabulela kakhulu ukuba kukho abasebenzi abaninzi abaza kuphumeza imisebenzi yoMkomishinala.

Siyathemba ukuba uyakonwabela ukuhamba nathi kuhambo lwethu lokwakha eli ziko.

Ozithobileyo,
**Christina**

083 776 7067
@ChildrensCommissionerWC
@childrenscommissionerwc
Childrens Commissioner WC
@ChildCommWC
@WC_CCC
Childrens.Commisioner@wccc.gov.za

**Fundisa**

Fundisa wonke umntu ngemithetho, imigaqo-nkqubo, kunye neeprojekthi zabantwana

**Cebisa**

Cebisa urhulumente ngophuculo nangophumezo lwamalungelo abantwana




**Cebisa**

Cebisa ngenyathelo lokuguqula umthetho, umgaqo ngqubo kunye nezinto ezichaphazela kakabi abantwana

**Ukuphembelela**

Phembelela abenzi bezigqibo abaphambili ngemithetho, imigaqo-nkqubo nezenzo ezichaphazela abantwana

**Ukuthatha inkxaxheba komntwana**

Abantwana kufuneka bazi kwaye bathathe inxaxheba kumsebenzi woMkomishinala waBantwana ngeembono zabo, ngamalungelo abo, iimfuno kunye nezinto abazithandayo

**Phanda**

Phanda ngezikhalazo malunga neenkonzo zikarhulumente ze unikeze iingcebiso

**Uphando**

Ukuqhuba okanye uqalise uphando ngomgaqo-nkqubo okanye izenzo ezichaphazela abantwana

**Ukubeka Iliso**

Ukubeka iliso kwifuthe leenkozo zikarhulumente, imithetho kunye nemigaqo nkqubo ebantwananeni

## IWCCC ibambe indibano yokubeka iliso kuhlahlo lwabiwo-mali kunye neBitou Junior Council











Ngexesha lenkampu karhulumente yokubeka iliso kuhlahlo lwabiwo-mali ngenyanga yeKhala eyayibanjelwe eMalmesbury, abantwana abavela kuMasipala waseBitou baphakamisa imiba yonikezelo lweenkonzo enyhasha amalungelo abantwana.

Le miba ibandakanya ukunqongophala kokuthuthwa kwenkunkuma kunye neendawo zokudlala abantwana ezingakhuselekanga kuMasipala waseBitou.

Ukusabela koku, iqela leWCCC liye laya kwisixeko sasePlettenberg Bay kwiseshoni yoqeqesho lohlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente kunye neKhansile yolutsha yedolophu yomasipala yaseBitou yokuqala ngqa, kwinyanga yeNkanga.

Eyona njongo iphambili yolu qeqesho ibikukubonelela abantwana ngolwazi malunga nohlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente, oluyimfuneko ekuthetheleleni amalungelo abantwana kwiinkqubo zohlahlo lwabiwo-mali.

Isigunyaziso seWCCC siqinisekisa intatho-nxaxheba yabantwana, siqinisekisa ukuba abantwana banelizwi kwizigqibo ezibachaphazelayo, ezifana nohlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente lokufezekiswa kwamalungelo abantwana.

Usuku lokuqala loqeqesho lugxile kubantwana njengabakhuseli bamalungelo. Abantwana baye benza iipowusta eziye zathunyelwa kuMthetheli oKhethekileyo weZizwe eziManyeneyo.

Olu qeqesho luye labandakanya abantu abayimizekelo yobunkokeli, apho abantwana baye bafumana izifundo kubomi bukaKapteni webhola yombhoxo wesizwe uSiya Kolisi kunye nobunkokeli bakhe.

Ngosuku lwesibini, olu qeqesho lwabandakanya amasebe karhulumente kunye nokwahlulwa kwemali kula masebe.

Olu qeqesho lweentsuku ezimbini lujolise ekuxhobiseni abantwana ukuba baqonde amalungelo abo, kananjalo nokuthi olu hlalo lwabiwo-mali luwachaphazela njani amalungelo abo.

Abantwana bafunde ngohlahlo lwabiwo-mali lukamasipala, indlela olumiselwa ngayo, kanjalo nokuthi bangenza njani ukuba bafune uhlahlo lwabiwo-mali olukhulu njengeKhansile.

USomlomo weBhunga laseBitou, uClaude Terblanche, kunye nenkxaso yeofisi yakhe yokuba abantwana bathathe inxaxheba kulawulo iye yamchukumisa kakhulu uMkomishinala waBantwana uChristina Nomdo.

UManejala kaMasipala waseBitou, uMnumzana Mbulelo Memani, wenze intetho ngeenkqubo zohlahlo lwabiwo-mali zikaMasipala.

Kanti amalungu ale Khansile afumana nethuba lokubuza imibuzo kuMnumzana Memani kwaye afunda ukuba banokuphembelela uhlahlo lwabiwo-mali lukaMasipala ngokwazisa ngemibono yabo xa ethe uMasipala wavula inyhweba yokuthi abahlali bathathe inkxaxheba kwiindawo abahlala kuzo.

USomlomo Terblanche ugxininise ukubaluleka kokubandakanywa kwabantwana kwizicwangciso zabo ukuze bakhule babe ngabemi abanemveliso nabanempumelelo.

UTerblanche wathi: "Kubalulekile ukuba siqinisekise ukuba siyabaquka abantwana koko sibacwangcisela kona ukuze kubekho imekobume efanelekileyo yokuba bakhule babe ngabemi abanemveliso nabafanele ukuba ngabo."

Umkomishinala wabantwana uNomdo uthe: "Abantwana banegalelo elibalulekileyo kulawulo. Babonelela ngembono eyodwa kwizinto zokwenene nasebomini jikelele. Ukuba singanikezela ngolwazi olungakumbi lolawulo olufikelelekayo, abaninzi babo banagaphela bangabemi abasebenzayo".

Kuyimincili ukunazisa ukuba songeze abasebenzi ababini abatsha kusapho lweWCCC.

Aba baNcedisi bangabaLawuli babini bajoyina isebe lethu lokuJonga noKwazisa njengabasebenzi bethutyana kule minyaka mibini ilandelayo.

UMalcolm Hess uzakube egxile ekubekeni iliso kwiingqubo zikarhulumente nezijongene namalungelo abantwana, ngelixa uXolane Ndlovu eza kugxila ekuthetheleleni. UTessa Goldschmidt wonyuselwa kwisikhundla soMlawuli oNcedisayo.




**UMalcolm Hess** unemvelaphi eyomeleleyo yothethathethwano noluntu kunye nophando njengoMphathi weProjekthi yoThintelo loLwaphulo-mthetho eNtlalweni, uMhlohli, uMphathi weNkqubo oxhobisa uluntu kwiindawo ezisezidolophini neziphantse zibe ziidolophu. Uphethe i-Masters kwiZifundo zoPhuhliso ngokugxininisa ekukhuselweni kwentlalo, ulawulo lophuhliso, umgaqo-nkqubo wentlalo kunye noqoqosho kuphuhliso.



**UXolane Ndlovu** unesidanga seeMasters kwiNzululwazi yezoPolitiko. UXolane unemvelaphi eyomeleleyo kuphando, kuzakuzo, ekuthetheleleni, nakumalungelo oluntu. Umsebenzi wakhe kule minyaka idlulileyo ubandakanya ukuxhasa uphando lomgaqo-nkqubo, ukubeka iliso kunye nokunika ingxelo ngamaphulo ezentlalo noqoqosho kunye nokulawula iinkqubo zokufikelela kuluntu. "Kuliwonga ukuchongwa njengomncedisi bolawulo lweWCCC. Ndizimisele kakhulu ekufakeni igxalaba ekukhuthazeni nasekukhuselweni kwamalungelo abantwana kwiindawo esihlala kuzo," utshilo uXolane




**UTessa Goldschmidt** unyuselwe waba nguMlawuli oNcedisayo woPhando kunye nesebe leNgcebiso. Ngaphambili ebebambe isikhundla sokuba nguMkomishinala waBantwana (CCO) kwisebe loKwazisa nokuBeka iliso, apho ebenoxanduva lokuthatha inxaxheba komntwana eOfisini. UTessa waba ligosa loMkomishinala waBantwana lokuqala kunye nomsebenzi we-Ofisi emva ukuqeshwa ngeyoMdumba ka 2021. Ube negalelo elikhulu ekuphuhliseni indlela ezine zokuthatha inxaxheba kwabantwana kwi-Ofisi kwaye uye waphuhlisa ubudlelwane obuluqilima kunye naBahloli bakaRhulumente baBantwana.

.

**IsiFundo esifutshane: Ukwakha iSakhono sabantwana sokuxhasa uhlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente**. Esi sifundo sifutshane sinika amagqabantshintshi ngenkqubo yokuxhotyiswa ngezakhono kunye neenkcukacha ngegalelo labantwana kuhlalutyo lwenkqubo yohlahlo lwabiwo-mali, uPhononongo lwezoQoqosho lukaMasipala/iphondo kunye neNkangeleko, kwakunye neNgxelo yoMgaqo-nkqubo woHlahlo-lwabiwo.




**Ucweyo lwamaLungelo oMntwana oLuntu: kuMasipala waseBeaufort West.**

I-WCCC ityelele uMasipala waseBeaufort West ukusuka nge-7-12 kweyoKwindla ka2022 kwaye yathethathethana nababoneleli ngeenkonzo zabantu abadala kunye nabantwana abakwiindawo zeenkonzo nasezikolweni. Le ngxelo ibonisa iimbono eziphambili ezifunyenwe kolu thethwano.

Iqumrhu le Child Government Monitors yenye yeendlela ezine zokuthatha inxaxheba kwabantwana kwi-ofisi yoMkomishinala waBantwana eNtshona Koloni.

Eli qumrhu lasekwa ngonyaka ka2020 ukuqinisekisa ukuba abantwana bayabandakanyeka kumsebenzi weWCCC, kwaye linika abantwana amathuba okuba nefuthe kwimithetho, imigaqo-nkqubo kunye nezenzo ebantwaneni.

Abantwana abakweli qumrhu bonyulwa ngumbutho wamalungelo abantwana elisekuhlaleni, okanye nawuphina omnye umbutho osebenza nabantwana okanye bazityumbe ngokwabo.

Kweli khasi, 'Kepping Up With The CGMs', sinazisa nzulu ngala malungu kwaye sifunde ngakumbi ngomsebenzi wabo njengabakhuseli bamalungelo abantwana kwiphondo.



**ULilitha Kopolo, oneminyaka elishumi elinesihlanu ubudala ongumfundi weBanga lesixhenxhe eBellville Technical High School, uzichaza njengomntu ohlekisayo, ongaqhelekanga, nonobubele. Umbala awuthandayo ngumbala omzuba. Uyayonwabela inzululwazi yendalo nezibalo, kwaye uyathanda nokuzoba.**

**Ujoyine nini iWCCC kwaye yintoni eyakukhuthaza ukuba ujoyine iqumrhu le-CGM?**
Ndajoyina iWCCC ngenyanga yeSilimela ka-2021 ndineminyaka elishumi elisibini emva kokuba uMkomishinala weza esikolweni sam kwiveki yokukhusela abantwana. Ekuqaleni ndandingazi ukuba ndenza ntoni xa ndibhala iinkcukacha zoqhagamshelwano zabazali bam ukuba ndijoyine iqela le-CGM, kodwa emveni kokuba ndijoyine iiseshoni kwi-WhatsApp kwaye ndabona nendlela abantu athetha ngayo ngobomi babo bemihla ngemihla kunye namalungelo omntwana, ndaziva ndenze isigqibo esisiso.

**Yintoni eyona nto uyonwabelayo ngokuba yiCGM/Mentor/Advisor?**
Ngaphandle kokuya ezinkampini, ezifundisayo nezonwabisayo, ndiyakonwabela ukunxibelelana nomntu wonke kumaqela, ndithanda nendlela athi wonke umntu anxibelelana ngayo, ngokungathi kudala sisazana.

**Ungathi yintoni ayekha yokuchulumancisa njenge-CGM?**
Xa ndandisiya eRhawutini nenye iCGM kwi-GBV Summit eyayiyeyokuqala ukuba abantwana babe yinxalenye yayo. Ndavuya kakhulu ukuba ndibe yinxalenye yaloo nto. Kwakhona esinye isizathu esibangele ukuba ibengumzuzu okhethekileyo kukuba yayilixesha lam lokuqala kwinqwelomoya kwaye ndandiqala ukuya kwelinye iphondo ngaphandle kweMpuma Koloni. Omnye umzuzu wam obalulekileyo njenge-CGM kuxa ndaya eBotswana kwiNkomfa yamaLungelo oMntwana yeNgingqi ka-2023 yeCRNSA (Unxibelelwano lwamaLungelo oMntwana kuMazantsi e-Afrika). Yayisisihlandlo sokuqala sam ukubhabha ngaphandle kwelizwe.

**Ucinga ukuba yeyiphi imingeni ejongene nabantwana/ulutsha kweli phondo?**

Impilo yengqondo yenye yeengxaki ezininzi esijongene nazo thina bantu baselula okanye abantwana. Oku kwenzeka kwihlabathi liphela kodwa ngokwam ndincinga ukuba le nto ibangelwa luxinzelelo lwabafundisi-ntsapho esikolweni. Indlela abafundisi-ntsapho abasicinezela ngayo esikolweni ngokuphathelele iimviwo yaye isenza sizive sisindwa. Basoloko besikhumbuza ukuba banokuba naphi na ehlabathini befuna kodwa bakhetha ukuhlala baze basifundise. Ucalucalulo nokuxhatshazwa ezikolweni zezinye zeengxaki esijongene nazo.

**Ukuba ubunako, ubuya kuliguqula njani ihlabathi libe yindawo engcono ebantwaneni?**
Ndingenza indawo ekhuselekileyo yokuba abantwana bakwazi ukudlala ngokukhululekileyo ezipakini, ezindleleni nasesikolweni ngaphandle kokoyika ukuxhwilwa, ukungcungcuthekiswa okanye ukwenzakaliswa. Ukuba bendinokuguqula ihlabathi ndingavuyisa wonke umntwana.

**Yeyiphi eyona nto imangalisayo eyakha yakwehlela?**
Ukujoyina iqumrhu le CGMs.Ndifunda ngakumbi malunga ngam mihla le kwaye ndiye ndaphucula nendlela yokuthetha nabantu.



**UZubair Ryklief oneminyaka elishumi elinesithoba ubudala ngumfundi weBanga leshumi elinesibini kwisikolo saseBelhar Excelsior Secondary School. Uzichaza njengomntu oneentloni, onomdla, nonothando. Umbala wakhe awuthandayo ngumbala omzuba. Izifundo azithandayo sisiNgesi kunye nesifundo soLwazi ngezoBomi. Uyasithanda isiNgesi kuba simenza akwazi ukuqonda abantu aze abhale amabali akhe ngendlela alibona ngayo ihlabathi. ULwazi ngoBomi lumnika isiseko solwazi avakalelwa kukuba wonke umntu kufuneka abe nalo.**

**Ujoyine nini iWCCC kwaye yintoni eyakukhuthaza ukuba ujoyine iqumrhu le-CGM?**
Ndijoyine iWCCC ngenyanga yeKhala ka-2020 kwaye into eyanditsalayo ekujoyineni kukuba bendiziva ngathi umyalezo kunye nenjongo yeofisi yinto ekufanele ukulwela. Ndiqondile ke ukuba andinakuphoswa kukwenza inguqu kwisizukulwana sam kunye nezizukulwana eziza emva kwethu.

**Yintoni eyona nto uyonwabelayo ngokuba yiCGM/Mentor/ Advisor?**
Ndiyakonwabela ukufunda ngawo onke amalungelo esinawo singabantwana kunye nolutsha kwilizwe lethu. Oku kuquka nesidingo sokuba sihlale singamatsha ntliziyo kuba sinethuba lokuthethelela abo bangakwaziyo okanye abangafuniyo ngenxa yoloyiko.

**Ungathi yintoni ayekha yakuchulumancisa njenge-CGM?**
Kukuqhagamshelana namalungu ePalamente asuka kwilizwe lethu kunye nooMkomishinala baBantwana abasuka kwamanye amazwe kuba bayawuthanda umsebenzi ebesiwenza.

**Ucinga ukuba yeyiphi imingeni ejongene nabantwana/ulutsha kweli phondo?**
Owona mngeni mkhulu endicinga ukuba ulutsha lwaseNtshona Koloni lujongene nawo ngoku kukungazi ngamalungelo athile kwaye oku abantu abadala bawasebenzisela inzuzo yabo. Oku kubandakanya ezikolweni, emakhaya, njalo njalo.

**Ukuba ubunako, ubuya kuliguqula njani ihlabathi libe yindawo engcono ebantwaneni?**
Ukuba bendinokwenza into yokuguqula ihlabathi ndingathanda ngokwenene ukuphelisa indlala kwaye ndiqinisekise ukuba bonke abantu behlabathi abasayi kuphinda babhuqwe yindlala.

**Yeyiphi eyona nto imangalisayo ayakha yakwehlela?**
Ukudibana noChristina kuba wandivumela ukuba ndibe ngumntu ongcono ndize ndidibane nabanye abantwana nabantu badala abafuna ukwenza umahluko kwilizwe lethu.

# Oonozakuzaku bokuhamba basabela ngamava abo ohambo ukuya eGeneva, eSwitzerland

Abakhuseli abathathu bamalungelo abantwana, uSolakha Noyi, uRuan Klaase kunye noRushaan Abdol baye eGeneva, eSwitzerland ngoSeptemba, ukuya kuveza kwi-UNCRC iinyani eziphilayo zabantwana kwiphondo nakwilizwe. Aba bathathu banika iinkcukacha ngamava abo okuhamba, ukusukela ekuqaliseni kwenkqubo yesicelo se-visa, ukuhlala kwabo kangangeveki eGeneva de babuyele ekhaya.










Kutyelelo lwethu eGeneva sidibane nabantu abaninzi abamangalisayo. Sadibana noAndré noChristine abasebenzela iUNICEF. Basimemela kwisidlo sasemini. UChristine usazi kakuhle isiFrentshi yaye wasifundisa izinto ezimbalwa ngokukhawuleza. U-André wasithabathela kuhambo olumangalisayo lokuya eMontreux apho sasinepikiniki emnandi ngasechibini. Indlela esahamba ngayo la mini ndicinga ukuba ndehla emzimbeni, YHO, kodwa njengoko u-André watsho ukuba asilahlekanga, kodwa asizange sehle kwindawo efanelekileyo.

Saye sadibana no-Anne ongusihlalo weKomiti. Wasisa kwindawo ekuthengiswa kuyo i-ice cream kunye nepizza. Kwakhona siye sadibana noKarabo, usisi okrelekrele kakhulu. Usiphathele iitshokolethi kwaye uthetha ngokukhawuleza okumangalisayo.

Indibano yethu yayimangalisa kakhulu kwaye ndonwaba kakhulu. Eyona nto ibimnandi kukuba besinegumbi apho besinokuphumla kulo.

Amalungu eKomiti ebenobubele kwaye ebephulaphula ngenyameko kuyo yonke into ebesiyithetha. Saye saya nase eCERN apho ndithenge into yokunxiba. Ndandime phambi kwe-acceler-ayitha yokwenyani kwaye ndafunda okuninzi. Bekumnandi kuye wonke umntu ukuhlala nokuba ib-ingangeni ndawo kubo.

Siphinde saya kwinqaba yaseChillon eyayiyenye into eyayigqame kakhulu. Ndaziva ndingowasebukhosini ngokoqobo. Sadibana nabantwana baseYiputa kwaye sonwaba kakhulu. Ukuba kuloliwe nokubona ubuhle bendawo kwakumangalisa ngokwenene.

U-André wasithengele izipho kwaye ndisazama ukugqiba ukwakha iphazili yenqaba. Ngokubanzi, yayingamava amangalisayo kwaye ndisazama ukuziqhelanisa nokubuyela ekhaya kuba iSwitzerland yayingathi liphupha.

Kwafuneka sithumele imiyalezo yelizwi yemizuzu emibini njengesicelo sokuba uMkomishinala akhwele inqwelomoya e-Geneva kwaye yayinzima kakhulu kum kuba ndandingaqinisekanga ukuba ndiza kunyulwa.

Kwanyanzeleka ukuba uMkomishinala athumele isiphakamiso kuRhulumente kwaye kwanzima kakhulu oko kuba kwathatha ixesha elide ngaphambi kokuba batyikitye kodwa ngethamsanqa uMkomishinala wahlala ezithendeni zabo ukuze batyikitye isiphakamiso kwaye ekugqibeleni basityikityela sobathathu.

Ngethamsanqa ndiye ndakhethwa mna, kwafuneka ndihambe nabazali bam siye eKapa ukuze sifumane ivisa. Kwafuneka sigcwalise amaphepha neefomu ezininzi. Abazali bam babengasoloko befumaneka.

Ukuya kwiiofisi zokundwendwela kwakunzima kakhulu kuba sasingazi nokuba onke amaphepha atyikitywe ngempumelelo kusini na. Indawo yokulala ibigqwesile eKapa nangona kwezinye iihotele bekungekho sidlo sasemini.

Sakhwela inqwelo moya sisuka eKapa saya eDubai kwaye yayinde kakhulu. Eyona nto yayisikhathaza kakhulu yinto yokuba kwakufuneka silinde iiyure ezininzi inqwelo-moya yethu elandelayo eDubai kobo bushushu.Sathi xa sibhabha sisiya eGeneva, basibalisela ngezidubedube kwaye ndaba nomsindo kakhulu, ngethamsanqa kum asizange siyive tu.

Ukungena kwiinqelo ntaka kwasikhathaza kakhulu ukungeniswa ngokwamanqaba eklasi ngoba abanemali bangeniswa kuqala futhi bahleliswa ntofotofo kunabo bakumgangatho osezantsi.Kodwa nangona kunjalo iinqwelomoya zabo zazilungile kwaye ukutya abasiphakela kona kwakumnandi kakhulu.

Satyelela indawo ezininzi e-Geneva. Sasihamba ngezithuthi ezininzi eziquka ukuhamba ngesikhephe, itram, ibhasi, ulolwe kunye nenqwelomoya.

Ukufika kwethu ngeCawe saya eBurger King emva koko sayophola ehotele. NgoMvulo saya kwisakhiwo sasemthethwei seUnited Nations kwaye emva koko saya e-De Wilsons . Sisebenze kwiintetho zethu ngoMvulo. Sathatha isikhephe phezu konxweme iGeneva kwaye saya kwindawo yokutyela.

NgoLwesibini yayilusuku lweUN kwaye saphuma saya kwiindawo zokutyela emva koko. NgoLwesithathu siye saya kwi Universe Of Particles eCern. USolakha wayeyithanda le nto! Yayifundisa kakhulu. Kwakhona yayikufutshane kakhulu kumda weFransi kwaye sasifuna ukuhamba kodwa uTina wayengafuni. Emva koko saya kwindawo yokutyela apho satya izimu ncumuncu kunye noChristine, u-Eric, u-Andre, uNjingalwazi Ann kunye nelinye ilungu leKomiti.

URuan khange afune nokuyizama iFondue kodwa waphela eyithanda kwaye ekhalaza qho xa umntu esitya. Kwakumangalisa kakhulu apho kwaye ndaziva ndishushu ngaphakathi ngenxa yembali eyenzeka apho. Saphinda sahamba ngololiwe emva kwemini, saya ehotele kancinci saza saphinda saphuma saya kwindawo yokutyela yaseSwitzerland.

Sawuthanda kakhulu umculo wesintu waseSwitzerland kwaye satya ifondue yetshokolethi. Bandiculela usuku lokuzalwa olumnandi baze bandinika ne-ice cream meringue endabelana ngayo nabanye . NgoLwesine sahamba noAndre saya kwisixeko esikumgama oyiyure ngololiwe, esibizwa ngokuba yiMontreux. Siye salahleka kodwa sade sayifumana indlela yokujikeleza isixeko. U-Andre wathi, “Awusoze ulahleke, qha uhambo lwakho luyanda”. .

## Ii-CGM zenza isingeniso kwiKomiti yeZizwe eziManyeneyo ngamaLungelo oMntwana ( i-UNCRC) malunga nempilo yabantwana kwiphondo nakwilizwe.


I Child Government Monitors (CGMs) zingenise ingxelo eqaqambisa iinkxalabo zabo malunga namalungelo abantwana kwiKomiti yeZizwe eziManyeneyo ngamalungelo oMntwana.

Ii-CGMs ziphuhlise isingeniso ngokunxulumene noluhlu lwemiba ephambi kokunika ingxelo ayakhutshwa ngonyaka ka 2020. Oku kungeniswe kulandelelwano emva kokuba ingxelo yesizwe yoMzantsi Afrika yandlalwe.

Ii-CGMs zithe gqolo ukuthethelela imiba eyahlukeneyo abakholelwa ukuba ifanele ukuqwalaselwa ngokukodwa kwiNgxelo yoMbuso. Le miba ibandakanya impilo yengqondo, indlala ebantwaneni, ubundlobongela, ucalucalulo, ukuthatha inxaxheba kwabantwana kuhlahlo lwabiwo-mali lukarhulumente, ukusekwa komkomishinala wesizwe wabantwana, kunye nokuncitshiswa kweminyaka yokuvota ukuya kwiminyaka elishumi elinesithandathu.

Impilo yengqondo ikwangumba obalulekileyo kwiii-CGMs ezikholelwa ukuba kufuneka usonjululwe. Iingcebiso zabo kurhulumente woMzantsi Afrika zibandakanya ukubonelela uluntu ngoqeqesho lwenkxaso yengqondo nentlalontle, ukwakha amaziko oluntu okuphuhlisa ukuzithemba nokuphucula, nokuphumeza iinkqubo zothintelo lokuphazamiseka kwengqondo eluntwini, ezikolweni, nakumaziko olonwabo.

Ngokubeka phambili impilo yengqondo, urhulumente unokuqinisekisa impilo-ntle yabantwana kwaye abanike inkxaso eyimfuneko.
Ukulamba kwabantwana yenye inkxalabo engxamisekileyo kwii-CGMs. Bacebisa ukuba urhulumente axhase izitiya zokutya, akhuthaze abantu abadala ukuba benze amakhitshi anikezela ngokutya kwaye abonelele ngeevawutsha zokutya.










Oku kuzoqinisekisa ukuba abantwana bayafikelela kukutya okunesondlo.

Omye walemingeni uquka ubundlobongela emakhaya nongowona mba obalulekileyo ii-CGMs ezifuna ukuba urhulumente waseMzantsi Afrika awulungise. Bacebisa ukwakhiwa kwamaziko angakumbi okhuseleko nophuhliso lwabantwana, ukunika uqeqesho ngendlela yokukhulisa abantwana ngokufanelekileyo, nokomeleza ubudlelwane phakathi kwabantwana nabazali.

Ngokudala imeko-bume ekhuselekileyo nexhasayo, urhulumente unokubakhusela abantwana kubundlobongela aze a babonelele ngezixhobo eziyimfuneko ukuze baphumelele. Ii-CGMs zikwaxhasa imigaqo-nkqubo ekhusela abantwana kucalucalulo, ingakumbi kwabo bathandana besisini esinye (LGBTQI+). Bakholelwa ukuba bonke abantwana bafanele baphathwe ngokulinganayo yaye akufanele kunyanyezelwe ucalucalulo.
Ukuphunyezwa kwale migaqo-nkqubo ekhuthaza ubandakanyo nokwamkelwa, urhulumente unokwenza uluntu oluhloniphayo amalungelo nesidima sabo bonke abantwana.

Elokuqukumbela
iiCGMs zingenise ingxelo ebalaselisa iinkxala-bo ngeNgxelo yeLizwe yokungalungeli abantwana.

**UMkomishinala kunye nabaCebisi abathathu kwiOfisi bazimasa itheko elingamathala eencwadi zoluntu.Abantwana bachukumiseka kakhulu likhwelo eliya koosomathala boluntu ukuba babe ngama- tshantliziyo oluntu alwela amalungelo oluntu.**
**Eli gqiza liba nenyhweba yokunikezela ngopapasho lwethu ku-MEC weMicimbi yeNkcubeko neMidlalo kwakunye nokuhlangana nokudlulisa umbhalo wesiXhosa wepowusta yethu yesigunyaziso kuGqirha Guzula. UGqirha Guzula waguqulele ibali lesigunyaziso kwiSixhosa, simahla, ngexesha lobhubhani we-COVID-19**




Abacebisi uVimbai Watambwa kunye noSaadiq Daniels bachaza ngamava okuhamba ngenqwelo ntaka kwabantwana kwiNgqungquthela ye-Africa Aviation Innovation Summit. Kananjalo, esi sibini sacela umngeni kwiinkampani eziphethe izithuthi zomoya ukuba zithathele ingqalelo iimfuno nezidingo zabantwana xa bethe besebenzisa iinkozo zabo.



**UMkomishinala ube nexesha elimangalisayo lokuchitha ixesha kunye nabafundi beSikolo iRosewood Primary eBonteheuwel.**

**Wathetha ngomsebenzi obalulekileyo woMkomishinala waBantwana namalungelo abantwana.**

**Abantwana bekuvuyela ukufunda ngamalungelo abo yaye bade baphumelela namabhaso!**






**UMkomishinala waBantwana utyelele isikolo samabanga aphakamileyo iStrandfontein ukuya kuqhuba iindibano zothethwano zeBhunga labaMeli baBafundi. Oku kugxininiswa kolu thethwano kukuba ngaba ayaviwa na amazwi abameli baBafundi kunye nomgangatho wobudlelwane phakathi kwabo nabaphathi besikolo.**



**UMkomishinala waBantwana wasabela ikhwelo emva kokuba emenywe kwinkonzo yoMbulelo kwiCawa eNtsha yobuPostile, eOttery. Uye wamenywa yicawe ukuba abe lingqina lokuxhotyiswa kwabantwana kunye nolutsha.**